Isalathiso: 20171025-6199
11/1/1/1/231
Imibuzo: I Dout

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning:* DEL 0003/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente

Isihloko: Izibonelelo ii-*Digital resources* kwiziko lewebhu leSebe i*WCED* (*WCED ePortal)*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lenza izibonelelo zethekhnoloji ezininzi *(digital resources*) ezifumaneka kwiziko lewebhu i-*WCED ePortal.* Ezi zibonelelo kunokufikelelwa kuzo ngale linki **http://www.wcedeportal.co.za.**

2. Izibonelelo ezininzi ezingahlawulelwayo eziqulethe iikliphu zevidiyo *(video clips*), iikliphu zesandi (*audio clips)*, amaxwebhu akwikhompyutha (*digital documents*), izifundo nezicwangciso zezifundo, ziyafumaneka kubo bonke abahlali besikolo nokuba baphi na nangaliphi na ixesha.

3. Inkqubo entsha eyi-*streamlined interface* ye-*WCED ePortal,* ikwenza kube lula ukufikelela kwezi zibonelelo (*material)* ngokwebakala, ngesifundo nakwisihloko.

4. Ootitshala banako ukufikelela kwezi zibonelelo zinokubancedisa kwizicwangciso zezifundo.

5. Abafundi banako ukufikelela kwizibonelelo ezinako ukubanceda baziqonde iinkalo ezingumngeni kwikharityhulam.

6. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abafundi nabahlali besikolo abachaphazelekayo, ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-11-10